

# UMKHUHLANE WEEHAGU ZASE AFRIKA

## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

**1. Yintoni umkhuhlane weehagu zase Afrika?**


- **Umkhuhlane weehagu zase Afrika (ASF) SISIFO ESIBI ESIBANGELWA YINTSHOLONGWANE** nesihlasela iihagu ezifuyiweyo kunye neezo zasendle.
- Asinayeza **lakusigonya**.
- Asina **lunyango** kwezo hagu sezosulelekile.
- "Warthogs" kunye neehagu zasendle **zinayo le ntsholongwane** kodwa **azibonakalisi zimpawu** zasifo.

**2. Iihagu zigula njani?**

- Ngokuhlangana neehagu ezifuyiweyo emakhaya/ezifama.
- Ngokutya izinto **ezinokungcola** (ukutya, inkukuma, iingxam neento ezilahliwe).
- Ngokuhlangana nabantu abanongcoliseko, ngezihlangu, impahla, izithuthi nezixhobo zokusebenza.
- Ngamakhalane.

**3. Ingaba umkhuhlane weehagu zase Afrika (ASF) uyabachaphazela abantu?**

- Umkhuhlane weehagu zase Afrika (ASF) awubosuleli abantu. Noko ke, akukhuthazwa ukuba siyitye inyama yehagu egulayo okanye leyo sele ifile.






Last updated: February 2023



**4. Ziintoni iimpawu zaso?**

- Bububomvu besikhumba seendlebe, isinqe nemilenze.
- Umkhuhlane onzima.
- Ukuphuncuka kwesisu kwiimazi zehagu.
- Ukhopha kundonci okanye urhudo.
- Ukuthyafa kwamalungu angasemva.
- Zingade zife zonke (100%).
- Xa iihagu zingafuni ukutya, uxinezelelo, ukuphefumla kanzima, ukugabha, ukopha ngeempumlo.
- Iimpawu zezifo ezinganyangekiyo neziquka ukwehla kobunzima, umkhuhlane omane ubuyelela, iimpawu zokuphefumla nzima, izilonda ezingapheliyo esikhumbeni nobuhlungu bamathambo.

**5. Iindlela zokuwuthintela?**

- Xa uthe wakrokrela le (ASF) ezihagwini zakho, khawuleza uxelele igosa lezonyango lwemfuyo elikufutshane kunawe.
- Kuthintele **ukuhlangana** kweehagu zakho nezinye iihagu ongazaziyo imeko yazo yempilo, abantu ongabaziyo, “warthogs” neengulube.
- Xa uyithenge **efantesini,** qiniseka ngokufuna umthengisi akunike iphepha elichaza ukuba ihagu leyo iphuma kumhlambi ophilileyo.
- Thenga iihagu zakho kubathengisi abaziwayo kuphela, qiniseka ngokufuna **isatifiketi semeko yempilo** kugqirha wemfuyo leyo ngemeko yokuhlala nempilo yempilo kulo fama.
- Okona kubalulekileyo, sukuzondla **ngelindle leenkukhu**, kodwa ukuba awunako ukutya onokuzinika kona, yisuse yonke inyama ze uphake uliphekisise ilindle elo lenkukhu. .

**Last updated: January 2022**